

IBANGA 1 ULWIMI LWEENKOBE

Usuku Iwemidlalo yezilwanyana



ISIXHOUSA

Inqanaba:

1

Incwadi

4



Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwitayitile nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwasigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundu ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxinisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxinisa ekufundeni kakuhle, igrاما nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetenzana efanele umgangatho wabafundi.

Abafundi mabenze umdlalwana
ukuba incwadi iyakuvumela oko.



Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda
ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele
abafundi basebenze ngokwamaqela benze
imisebenzi efanelekileyo yokufunda
ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini.
Mabangabhalu kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo
mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.

Usuku lwemidlalo yezilwanyana



Namhlanje
lusuku
lwemidlalo
yezilwanyana.







"Ndiyakwazi ukutsiba,"
itshilo indlulamthi.

"Ndingatsiba ndiye
phezulu kakhulu."

Wena?





"Ndiyakwazi ukubaleka,"
itshilo ingwenkala.

"Ndingabaleka ngamendu
amakhulu."


Wena?






“Ndiyakwazi ukukhaba,”
utshilo umkhombe.


“Ndingakhaba ngamandla.”
Wena?





"Ndiyakwazi
ukuphosa," itshilo
indlovu.

"Ndingaphosela
phezulu kakhulu."
Wena?






“Ndiyakwazi ukubamba,”
itshilo inkawu.

“Ndingayibamba kakuhle
le bhola ingawi.”

Wena?





“Ndiyakwazi ukudada,”
itshilo imvubu.


“Ndingadada ngokukhawuleza
okukhulu.”

Wena?





“Ndiyakwazi ukubetha
ibhola,” itshilo ingonyama.
“Ndiningayibetha kakhulu.”
Wena?






"Singaphumelela.
Singabaphumeleleyo.
Sonke siphumelele!"

Siphumelela
kunye.





Imibongo yakho


Umvundlana othile

Umvundlana othile, wangena entsimini;
Waqakatha waqakatha; wadibana nembotyi.
Wayitya kwasemini, wanyantsula wanyantsula,
Wagoduka ehluthi.

Undlebende

Ndlebende ufelwe
ngunyoko okanye uyihlo
le nto unesililo esibuhlungu kangaka?

Oko ndikuva ukhala usithi:
"oko-ndafelwa-ngumama-notata
-nde- nko, nko, nko
iingxowa-zasemaXhoseni-zithwalisa-
mna-ndedwa jwi, jwi, jwiii!"



Imisebenzi yokufunda yamaqela



1

Xelela umhlobo wakho ngokubonayo kumfanekiso ngamnye. Ngoku xelela umhlobo wakho ukuba ngowuphi umfanekiso ekufuneka ube ngowokuqala. Balisela umhlobo wakho ibali ngamazwi akho. Sebenzisa imifanekiso engezantsi.



2

Funda imibuzo uze uxelele umhlobo wakho iimpendulo.

- Sithini isihloko sebali?
- Zeziphi izilwanyana ezisebalini?
- Yeyiphi imidlalo eyohlukeneyo eddlalwa zizilwanyana?
- Ucinga ukuba eli bali liyinyaniso?
- Ulfumana kangaphi igama elithi "**Ndiyakwazi**" ebalini?
- Ngowuphi umdlalo owuthanda kakhulu? Kuba kutheni?



3

Sebenzisa amagama nemifane kiso ikuncede ukhethe igama elichanekileyo ugqibezele ezi zivakalisi. Bhala izivakalisi kwincwadi yakho yemisebenzi.

indlulamthi

indlovu

ingwenkala

inkawu



"Ndiyakwazi ukubamba", yatsho _____.



"Ndiyakwazi ukuphosa", yatsho i _____.



"Ndiyakwazi ukutsiba", yatsho i _____.



"Ndiyakwazi ukubaleka", yatsho i _____.



4

Bhala phantsi amagama akwikholam yokuqala.
 Ngoku bhala amagama anemvano - siphelo ecaleni
 kwegama ngalinye.

phumelela	sikelela	fikelela	fumana	baleka
betha	khetha	senega	thetha	susa
khaba	khala	khula	hlaba	yaba
bamba	dlala	hlala	lamba	hlamba



5

Yenza ikhadi lesinye sezi zilwanyana. Sebenzisa
 isakhelo esingezantsi ukwenza ikhadi lakho.

baleka	dada	funda	cula
khaba	danisa	phosa	zoba

_____ endimthandayo

Zoba umfanekiso.

Ndiyabona uyakwazi

u _____ kakhulu.

Wenza kakuhle!

Nam ndiyakwazi

_____ kakhulu.

Ivela ku _____

IBANGA 1 ULWIMI LWEENKOBE



Incwadi **4**

Isihloko:	Usuku Iwemidlalo yezilwanyana
Ulwimi:	IsiXhosa
Inqanaba:	Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga loku-1 Incwadi yesi-4 Inqanaba 1
Uhlobo lwencwadi:	Ibali
Amagama ajongwayo:	namhlanje, sinako, kakhulu, kakuhle, konke, inzima, khawuleza, kunye, kude
Isigama:	bamba, abaphumeleleyo, izilwanyana, imidlalo, phosa, khaba, tsiba, ibhola
Izandi:	dl, lw, ts, mb, ph, nw, ny, kh, nd, hl
Umxholo, amagama nezakhono:	<ul style="list-style-type: none">▪ Uchaza imifanekiso emine nokulandelelana kwayo ngendalela echanekileyo.▪ Ubalisa ngokutsha ibali esebezisa imifanekiso.▪ Uyafunda aze aphendule imibuzo yesicatshulwa.▪ Ubhala izivakalisi esebezisa isakhelo nemifanekiso.▪ Ubhala ikhadi alizobe esebezisa isakhelo.

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesa abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.


Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukujonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

ISBN 978-1-4315-2638-3



ISBN 978-1-4315-2638-3



**THIS BOOK MAY NOT
BE SOLD.**



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga loku-1 zoLwimi Lweenkobe:



UXoxo uya esikolweni

Ndiyakwazi ukufunda

Siya esikolweni

Usuku lwemidlalo yezilwanyana



Siyayithanda ibhola ekhatywayo

Silinganisa iimpahla

UBathathe unomhlobo omtsha

UTshotsho ilori etiphayo



Isikhukukazi esibomvu

ULinda uya kwaggirha

Iphupha likaDudu